# Isalathiso

## Ikota 1

**Ibali loku-1:** Ubomi bam (Ibali elingeyonyani)............................... 5

**Ibali lesi-2:** Izinto ezindonwabisayo kunye nezo zingandonwabisiyo (Ibali elingeyonyani)..................... 11

**Ibali lesi-3:** UHlwabisa okhethekileyo (Ibali elingeyonyani) ...................................................... 16

**IIbali lesi-4:** USipho uyalila ucela uxolo (Ibali elingeyonyani) ........... 22

**Ibali lesi-5:** Usuku lwePasika (Ibali elingeyonyani)..................... 28

## Ikota 2

**Ibali lesi-6:** Ukutya kwesiNtu (Ibali elingeyonyani)..................... 34

**Ibali lesi-7:** UNgcontsa notatomkhulu wakhe (Umdlalo) .. 40

**Ibali lesi-8:** Iintsapho nasekuhlaleni (Ibali elingeyonyani)..................... 46

**Ibali lesi-9:** Imifanekiso (Ibali elingeyonyani)............................. 53

**Ibali le-10:** Umtshato (Itekisi enika ulwazi) ......................................... 60

## Ikota 3

**Ibali le-11:** Unxibelelwano (Ibali eliyinyani).....................................66

**Ibali le-12:** UNongcwali (Ibali elingeyonyani)..............................71

**Ibali le-13:** Ndibambe apha! (Umdlalo) .....................................77

**Ibali le-14:** Ndiyazingca ngam! (Ibali elingeyonyani)..............................83

**Ibali le-15:** Izaziso ( Itekisi enika ulwazi)................................90

## Ikota 4

**Ibali le-16:** Ndifuna ukuba yintoni xa ndimdala? (Umdlalo) ...................96

**Ibali le-17:** Izicwangciso ngekamva lam (Itekisi enika ulwazi) ...........105

**IIbali le-18:** Umbhiyozo wesifundiswa (ibali elingeyonyani) ....................................................113

**Ibali le-19:** Indlela yokusebenzisa imali (Itekisi enika ulwazi)..........121

**Ibali lama-20:** Siyathengisa ekhaya (Ibali elingeyonyani).......129

# Ubomi bam

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Xoxa ngokubonayo kulo mfanekiso.
2. Ubonakala enjani lo mntu ukulo mfanekiso, wonwabile okanye uqumbile?

| **Isandi - ngx** | **Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu** |
|---|---|
| yingxididi | yi-ngxi-di-di |
| engxoweni | e—ngxo-we-ni |
| yingxolo | yi-ngxo-lo |

| **Amagama abonwa rhoqo** |
|---|
| entle umakhulu esibhozo ilali isikolo abahlobo impahla usuku ibhola usapho ngomvulo iholide umama iveki lwam wenza afike kubekho ukuba ukuba esam siza ke kuba ngaye wenza wam afike xa sam entle |

| **Isigama** | **Intsingiselo** |
|---|---|
| elintsundu | elimnyama ngebala |
| engxwalane | ukuhlupheka |
| bedywidana | besilwa |
| ngobutsha | ukubalula ngobudala |
| eqandeni | ukungafumani nto emdlalweni |
| ngamanqaku | amagowuli xa kudlalwa umdlalo webhola |



9781834955513_plt_lan_g03_rd_xho_za.indb 5 2025/09/28 16:16

Igama lam ndinguNonzwakazi Ntwanambi, ndiyintwazana entle ethandekayo. Ndinebala elintsundu neenwele ezimnyama. Umakhulu xa endibiza uthi Nzwaki. Ndineminyaka esibhozo. Ndihlala kwilali ekufutshane naseQonce eNgxwalane kufutshane nesikolo sam. Ndiqale esikolweni ndineminyaka emihlanu kwibanga labaqalayo, ngoku ndikwibanga lesithathu.





9781834955513_plt_lan_g03_rd_xho_za.indb 6 2025/09/28 16:16



Umakhulu uye afike eNtwasahlobo eze kubhiyozela usuku lwam lokuzalwa. Kuba mnandi kube yingxolo kubhiyozwa lusapho lwam nabahlobo. Umama wenza amaqebengwana kubekho ooni-nooni kunye nekeyiki enkulu enomfanekiso wam.

**Biza esi sandi:**

ngx



9781834955513_plt_lan_g03_rd_xho_za.indd 7 2025/09/28 16:16



Ndavuka ekuseni ngeCawa ndafika umakhulu sele egqibezela ukuhlohla iimpahla engxoweni eza kuhamba. Umakhulu wathi ndiyahamba ke Nzwakazi uhlale umhle unje, kwaye ndileqa iteksi ndingafiki ekhayeni sekuhlwile. Ndaba yingxididi kuba bekumnandi ukuhlala nomakhulu ebengafuni mntu undigrwangxulayo.

**Biza eli gama:**

engxoweni



9781834955513_plt_lan_g03_rd_xho_za.indb 8 2025/09/28 16:16

Iyandivuyisa kakhulu into yokuhlala nosapho lwam kuba ngaske singohlukani sihlale sonke ngamaxesha onke. Kodwa ndaba nethemba lokuba siza kuya kumakhulu ngeeholide zeHlobo. NgoMvulo ndafika abahlobo bam basesikolweni bedywidana ngam benditsala-tsala. Babendivuyela kuba bebevile ngabanye ukuba bendinempela veki enkulu ndibhiyoza. Yaba lusuku oluhle esikolweni saya kudlala ibhola yomnyazi. Ndandiyithanda ngokuba umama wayesithi ndimkhumbuza ngobutsha bakhe. Saphumelela phambili esam isikolo ngamanqaku amahlanu eqandeni. Abe amathathu kuwo efakwe ndim, amabini efakwe ngumhlobo wam uHloni. Sagoduka sivuya ndafika ekhaya ndaxelela umama  ukuba ndifake amanqaku amathathu.





9781834955513_plt_lan_g03_rd_xho_za.indb 9 2025/09/28 16:16

## Imibuzo emva kokufunda

1. Ngubani lo ubalisayo, bhala igama, ifani, indawo ahlala kuyo, kwakunye nemini yakhe yokuzalwa?
2. Uza kuphinda ambone nini umakhulu wakhe?
3. Ngowuphi umdlalo ebebalasele kuwo, kwaye uye wafaka amanqaku amangaphi?
4. Cacisa indlela yamalungiselelo yesikhumbuzo somhla kokuzalwa.
5. Ucinga ukuba kutheni kubalulekile ukwenza umhla wesikhumbuzo somhla wokuzalwa.

## Umsebenzi

1. Biyela ezi zandi -hl, ngx, nts kula magama.
   - **a.** yingxolo
   - **b.** ukuhlohla
   - **c.** undigrwangxulayo
   - **d.** elintsundu
   - **e.** yingxididi
2. Fakela isimelabizo esichanekileyo endaweni yegama elinikiweyo. Khetha kula: sona , yena, yona.
   - **a.** ingxowa
   - **b.** ingxolo



9781834955513_plt_lan_g03_rd_xho_za.indb 10 2025/09/28 16:16

# Izinto ezindonwabisayo kunye nezo zindihluphayo

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Cacisa imbonakala yobuso bale ntombazana imbonakalo.
2. Inokuba bobuphi obubonakalisa ukuba wonwabile?
3. Bobuphi obubonakalisa ukuba akonwabanga uyalila?

| **Isandi - tsw** | **Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu** |
|---|---|
| Tswayiba | Tswa-yi-ba |
| tswikila | tswi-ki-la |
| Tswai | Tswa-i |

| **Amagama abonwa rhoqo** |
|---|
| ngemini usuku lwam ikeyiki abantu silinde umnyango asidlali emsebenzini ihempe emnyama savuka sikhwele imoto ukucela kubantu ekhaya |

| **Isigama** | **Intsingiselo** |
|---|---|
| ukubhiyozela | ukonwabela |
| ndingxwelerheke | ukulimala |
| ndigxwale | ukukhala kakhulu |
| imvakalelo | imizwa |
| osichukumisayo | osikhathazayo |
| tswayiba | igama lo mntu |



9781834955513_plt_lan_g03_rd_xho_za.indd 11 2025/09/28 16:16

| Isigama | Intsingiselo |
|---|---|
| iimfihlo | ukugcina into entliziyweni ungayixeleli mntu |
| wasixhobisa | wasinika amandla |
| engalunganga | into engafanelekanga |
| ukugrogrisa | ukoyikisa |
| ngqee | ukubaleka kakhulu |

Ngemini yokubhiyozela usuku lwam lokuzalwa ndiye ndibe nemincili, ndingxamele ukuba kude kufike ikeyiki nezipho. Lusuku olukhethekileyo endonwaba ngalo ngenxa yothando endilufumana kusapho lwam kunye nabahlobo. Ukuba nabantu abandithandayo, abandikhathaleleyo kunye nabandivisa kamnandi kundenza ndonwabe kakhulu. Xa umakhulu ehamba ebuyela ezilalini ndiye ndingxwelerheke emphefumlweni ndikhale, ndigxwale.





9781834955513_plt_lan_g03_rd_xho_za.indb 12 2025/09/28 16:16

Sikhuselekile xa sihlala nomakhulu kwakunye nabazali bethu. Asikhuselekanga kumntu wonke. Xa kuhlwile silinde babuye emsebenzini sivala iminyango nabantakwethu. Asivumeli nabanina angene. UNkosazana Tswai ongunontlalontle kwilali yethu ukhe wasiyala ngelithi, singabantwana sinelungelo lokuthi hayi kuye nabani osichukumisayo. Kwaye xa kukho into esingayiqondiyo engakhuselekanga sixelela abazali bethu. Asidlali kwiindawo ezingakhuselekanga. Naye umama wathi simxelele xa kukho umntu osigrogrisayo. Kubalulekile ukuzithemba iimvakalelo zakho ngokuba ziyakwazi ukwehlula xa zithi ewe okanye hayi ukuze ungagaxeleki engozini.





**Biza ezi zandi:**

nzw, tsw



9781834955513_plt_lan_g03_rd_xho_za.indb 13 2025/09/28 16:16

Savuka kusasa kusathuleke kuthe nzwanga sahamba nabantakwethu sisiya esikolweni sincokola kumnandi. Kwadlula imoto efuna ukusikhwelisa ukuze sifike msinya esikolweni. Wavela ngentloko umntu ongubhuti enxibe ikepusi emnyama nehempe emnyama. Wasibulisa esibiza ukuba sikhwele emotweni ukuba asise esikolweni. Saphendula sonke ngaxesha linye sathi enkosi. Sangxama ukuhamba oku sisondela.

Ndabalisela utishalakazi Tswayiba ngale moto, kwacaca ukuba nabanye abantwana bayayazi. Wasixhobisa ukuba singayi xa sibizwa ziimoto nangabantu esingabaziyo. Wasicebisa ukuba sibaleke ngqee sibashiye apho singajongi ngasemva.



Kwaye singayiceli imali kubantu esingabaziyo. Waqhubeka wathi singabi nazo iimfihlo sichaze, singavumeli mntu oza kusiqhatha athi zesingaxeli kubazali bethu okanye kubantu esibathembayo. Nomntu osigrogrisa ngokusenza into embi sibokumxela.



9781834955513_plt_lan_g03_rd_xho_za.indb 14 2025/09/28 16:16

Sinelungelo lokuthi hayi kumntu osiphatha ngendlela engalunganga. Wathi singadlali kwiindawo ezikude namakhaya ethu kude kutshone ilanga.

## Imibuzo emva kokufunda

1. Zeziphi izinto ezazimonwabisa uNonzwakazi?
2. Dwelisa izinto zibe ntathu abazifundiswa ngutishalakazi wabo.
3. Ingaba kulungile ube nemfihlo xa kukho umntu okuxhaphazayo?
4. Ithini imfundiso yeli bali?
5. Shwankathela umongo webali.

## Umsebenzi

1. Qhekeza la magama ngokwamalungu.
   - **a.** Tswayiba
   - **b.** nzwanga
   - **c.** ndigxwale
2. Gqibezela ngesimelabizo esichanekileyo.
   - **a.** uNzwaki ______ena.
   - **b.** UNkosazana Tswai ________ena.



9781834955513_plt_lan_g03_rd_xho_za.indb 15 2025/09/28 16:16

# UHlwabisa okhethekileyo

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Jonga lomfanekiso, ucinga ukuba ibali liza kuthetha ngantoni?
2. Ucinga ukuba abantu abakulomfanekiso bonwabile okanye abonwabanga? Cacisa impendulo yakho.

| Isandi- grw | Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu |
|---|---|
| begrwamza | Be-grwam-za |
| grwam-grwam | grwam-grwam |

| Isandi - hlw | Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu |
|---|---|
| ihlwempu | i-hlwe-mpu |
| UHlwabisa | u-Hlwa-bi-sa |
| babehlwayela | Ba-be-hlwa-ye-la |
| isohlwayo | i-so-hlwa-yo |
| eKuhlwayeleni | e-Ku-hlwa-ye-le-ni |
| umohlwayile | u-mo-hlwa-yi-le |



9781834955513_plt_lan_g03_rd_xho_za.indd 16 2025/09/28 16:16

| Amagama abonwa rhoqo | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| omnye | babo | lo | apho | abo | ukuba | babe | bakhe |
| waye | kaloku | kuba | nabo | kwaye | naye | iza | eme |
| kwale | ubeye | xa | aba | oku | wenze | konke | baze |
| kule | yaba | sathi | ezi | wonke | | | |

| Isigama | Iintsingiselo |
|---|---|
| isohlwayo | ukuqeqeshwa |
| ekrwada | ukungabinasimilo |
| leenkedama | labantu abangenabazali |
| babehlwayela | babetyala |
| ubasempilweni | ukondleka |
| inenekazi | umntu ongusisi |
| iyantlukwano | ukungafani |
| unamalungelo | uneemfanelo |

Kwilali yaseKuhlwayeleni kwakuhlala intombazana egama linguHlwabisa. UHlwabisa wayehlala nabazali bakhe aba ngoomama ababini. Babemthathe kwikhaya leenkedama. Nangona babesokola babe ngengomahlwempu.





9781834955513_plt_lan_g03_rd_xho_za.indb 17 2025/09/28 16:16



Omnye umama waye engumntu oliNdiya omnye ingowebala.  Aba mama babethanda ukulima isitiya. Babehlwayela iindindi zemifuno kwesi sitiya.  Ubungafika uHlwabisa elandelelana nabo apho esitiyeni. Ubungafika begrwamza loo mifuno ilinyiweyo besithi, “grwam,grwam” ukuhlafuna. Ubusazi ukuba ukutya imifuno ekrwada uba sempilweni? Eminye kaloku ayifuni kuphekwa imnandi ikrwada. Usuke wasitsho isikhalo uHlwabisa ngathi umama wakhe umohlwayile. Ubesithi akunqandwa uHlwabisa kuba yena ufuna ukuyigrwamza ingayivaswanga suka asitsho isikhalo. Wayeqhelile ukukhala kuba aba bazali bakhe bokwenyani babethanda ukuxabana.



9781834955513_plt_lan_g03_rd_xho_za.indb   18	2025/09/28   16:16




UHlwabisa waye korholwa ngamanye amaxesha ngoontanga bakhe esikolweni besithi, Yhoo! “wena Hlwabs awunaye utata.” Ebeye akhathazeke alile uHlwabisa. UTitshala ebeye abohlwaye aba bafundi ngokubagcina egumbini lokufunda ngexesha lentlazane. UTitshalakazi esikolweni wamema abantu ukuba baze kuthetha kubafundi ngabantu abasini sinye. Kulemihla kukho oosisi abanxiba iimpahla zoobhuti noobhuti abanxiba iimpahla zoosisi.

**Biza ezi zandi:**

grw, hlw



9781834955513_plt_lan_g03_rd_xho_za.indb 19 2025/09/28 16:16



Le yaba yimini enkulu esikolweni sikaHlwabisa. Inenekazi elalisisithethi esiphambili sathi, "bazali nani bafundi maluphele ucalucalulo ngokwesini. Masiyiqonde yaye siyihloniphe iyantlukwano kubume bemeko besimi somntu.” Kwaqhwatywa izandla ngabahlali kuba wonke umntu unamalungelo okuphila ubomi abufunayo. Banintzi abantu abenzakalayo nabafayo ngenxa yokungabi nalwazi olupheleleyo ngobume besimi somntu.



9781834955513_plt_lan_g03_rd_xho_za.indb 20 2025/09/28 16:16

## Imibuzo emva kokufunda

1. Chaza imbangi yokuba bahlekise ngaye abanye abantwana esikolweni uHlwabisa?
2. Cacisa ukuba babebizelwe ntoni abazali nabantwana esikolweni.
3. Kwenzeka ntoni kubantu abangenalwazi ngobume besini sabo?
4. Bakhona abanye abantwana obaziyo abafana noHlwabisa?
5. Ucinga ukuba singabantu kufuneka siphathane kanjani?

## Umsebenzi

1. Lungisa la magama abhaleke ngokuchanekileyo.
   a. impuhlwe
   b. kumzamgrwa



9781834955513_plt_lan_g03_rd_xho_za.indd 21 2025/09/28 16:16

# USipho uyalila ucela uxolo

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Ibonakala ingumntu onjani le nkwenkwe?
2. Inokuba iyakwazi udlala nabanye abantwana kakuhle?
3. Kutheni bekhala abantwana abasecaleni kwayo?

| **Isandi - ngx** | **Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu** |
|---|---|
| egrwangxula | e-grwa-ngxu-la |
| ingxaki | i-ngxa-ki |
| engxoliswa | e-ngxo-li-swa |

| **Amagama abonwa rhoqo** |
|---|
| Ethanda Engevayo Abalilise Abantwana Izinto Ibhola Bebizwa Emva Isipho Wayesiva Uxolo Ucela Ukufunda Abazali Amoshe Ngoontanga Amatyala Wathembisa Soze Ahluphe Kwatsho Kwamnandi Kuhlekwe |

| **Isigama** | **Intsingiselo** |
|---|---|
| ukugrwangxula | kuxa umntu ephoxa |
| banxunguphale | kuxa uqumbile |
| egrogrisa | kuxa esoyikisa |
| begxwala | ukulila |
| rhoqo | mihlale |
| ontanga bakhe | abalingana naye ngokweminyaka |



9781834955513_plt_lan_g03_rd_xho_za.indb 22 2025/09/28 16:16

| Isigama | Intsingiselo |
|---|---|
| ndidanile | umoya uphantsi |
| ndihluphe | ukumosha abantu |

USipho ibiyinkwenkwana engevayo kakhulu ethanda ukugrwangxula abanye abantwana abalilise ebebahlutha ibhola kwakunye nezinto zabo ezimnandi ebaliisa. Bekukhalwa ngokungamameli kwakhe ebenza banxunguphale xa edlala noontanga bakhe. Kusoloko kubakho ingxaki apho akhoyo ngokuba usoloko egrogrisa ngokubetha abanye. Abazali bakaSipho bebesiva kabuhlungu ngokuba bebesoloko bebizwa rhoqo esikolweni nasekuhlaleni ukuxoxa amatyala kaSipho. Ebebonisa ukuzisola xa engxoliswa athembise ukuba akasayi kuphinde amoshe.



Emva kweentsuku ezimbini kwangena ityala kuba wayetswikile uNzuzo ongumhlobo wakhe xa babedlala ibhola yombhoxo. Utata kaSipho wathengela abantakwabo izipho. USipho zange athengelwe isipho ngenxa yohlobo aziphethe ngalo. Baziqhala izipho bonke endlwini benemincili, wayesiva kabuhlungu uSipho. Walila ecela uxolo ngezinto zonke azenzileyo, wathembisa esithi soze aphinde ahluphe mntu naphina. Uye wacela uxolo kubazali bakhe nakuNzuzo.

**Qhekeza eli gama ngokwamalungu awo:**

tswikila





9781834955513_plt_lan_g03_rd_xho_za.indd 24 2025/09/28 16:16

Wathi ucela ukunikwa ithuba lokuthetha eklasini axolise kubo bonke abantu abavise ubuhlungu. Waphakama sele enyembezana wathi, “Ndicela uxolo ngokunivisa kabuhlungu kwaye ndidanile ngezenzo zam ezibi. Ndiyathembisa, ukuba andisoze ndihluphe mntu, ndixoleleni nonke.” Bamxolela bamanga kwatsho kwamnandi egumbini lokufunda. Xa kuphuma isikolo wahamba uSipho waya kuxolisa kubo bonke abantwana ebebavise kabuhlungu. Bamxolela nabo wagoduka evuya kuba ekwazi ukudlala nabanye abantwana kakuhle. Batsho baphumla abazali nootishala kukuxoxa ngenxa yakhe. Ebelila xa engxoliswa kuba ebengasafuni kuhlupha mntu.



**Biza eli gama:**
egrwangxula



9781834955513_plt_lan_g03_rd_xho_za.indb 25 2025/09/28 16:16

Emva kwexesha elide etshintshile engumntwana omamelayo ekhayeni nasesikolweni engahluphi mntu. Utata wakhe wamthengela inqwelo yokudlala wavuya kakhulu kuba ebengasazifumani izipho. Wavuya kakhulu sele engayazi nokuba angathini. Wayesoloko esenza uxolwelwaniso naxa enze into ngokungaqondi engayifuni kwaphela into yokuba abanye basoloko begxwala ngenxa yakhe. Bekumnandi apho akhoyo uSipho edlala kakuhle kwaye ethanda ukuba kuhlekwe.





9781834955513_plt_lan_g03_rd_xho_za.indb 26 2025/09/28 16:16

## Imibuzo emva kokufunda

1. Ingaba ibiyinkwenkwe elungileyo uSipho ekuqaleni, kutheni usitsho?
2. Dwelisa zonke izinto ezimbi ezenziwe yile nkwenkwana.
3. Ingaba waye watshintsa? Ewe/Hayi. Utsho kuba kutheni?
4. Ngawaphi amanyathelo awenzileyo ukuze axoleleke?
5. Funda umqolo oxela ukuba esikolweni babengonwabanga nguSipho?
6. Ingaba kwakulungile ukuba utata wakhe angamphi isipho unyana wakhe?

## Umsebenzi

1. Biza la magama.

**a.** tswikila

**b.** ingxaki

**c.** egrogrisa

**d.** ingxangxosi

**e.** begxwala



9781834955513_plt_lan_g03_rd_xho_za.indb 27 2025/09/28 16:16